(d) iinkcukacha zoqeqesho olwenziwe ngokweemfuno zoMthetho, amacandelo esipolisa, inkxaso yamaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqandwa kolwaphulo-mthetho okanye eyokhuseleko loluntu eyenziwe liSebe okanye naliphi iziko isenzelwa amalungu omfaki-sicelo odinga uqeqesho; kunye

(e) nekopi yoqinisekiso okanye isatifikethi sesicelo esinikwe umfaki-sicelo ngokwecandelo 6(6)*(a)*(ii) loMthetho okanye umgaqo 17(4) ngokulandelelana, esiqinisekiswe ngumkhomishinala wezifungo.

(8) Imvume yenkxasomali okanye yoqeqesho lwesolomzi okanye ukunikezwa kwezibonelelo kwisolomzi kufuneka kuhambelane nePublic Finance Management Act, 1999 (uMthetho 1 ka-1999), yaye kuxhomekeke ekubeni isolomzi libe nesivumelwano neSebe malunga nenkxasomali, uqeqesho okanye izibonelelo.

(9) UMphathiswa wePhondo makathi ngembalelwano azise umfaki-sicelo ngesigqibo sesicelo yaye nalowo isicelo sakhe singaphumelelanga kufuneka achazelwe izizathu zoko.

(10) UMphathiswa wePhondo kufuneka anikeze isatifikethi sozimaso kwilungu ngalinye lesolomzi eligqibe uqeqesho.

(11) UMphathiswa wePhondo kufuneka agcine irejista yezatifikethi ezikhutshelwe uzimaso loqeqesho.

(12) Inkxaso-mali, uqeqesho okanye izibonelelo ezinokufakelwa isicelo kufuneka zigqitywe nguMphathiswa wePhondo yaye zisenokuba nento yokwenza noxhotyiso loosolomzi ngeemfuno zokunika ingxelo ngokwalo Mthetho, amacandelo esipolisa, inkxaso yamaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqandwa kolwaphulo-mthetho okanye ukhuseleko loluntu.

Ukunikwa kwengxelo ngoosolomzi beengingqi

7. Ukuze uMphathiswa wePhondo agqibe ngezidingo zokugadwa koluntu ekuhlaleni kunye nezinto eziphambili kunye nokuvavanya ukusebenza ngempumelelo kwenkonzo yesipolisa kummandla, isolomzi kufuneka kwiintsuku ezingama-30 emva kokucelwa nguMphathiswa wePhondo linike ingxelo ebhaliweyo kuMphathiswa wePhondo ngale miba ilandelayo eqwalaselwe lisolomzi kwisithuba esichaziweyo kwisicelo:

(a) imiba enento yokwenza nomsebenzi wokubeka iliso;

(b) iindawo zoluntu ezingakhuselekanga;

(c) ubuhlakani isolomzi eliyinxalenye yabo enjongo yabo ikukuphucula ukhuseleko kummandla;

(d) inani nohlobo lolwaphulo-mthetho kummandla orekhodwe lisolomzi;

(e) indawo ekwenzeke kuyo ulwaphulo-mthetho kummandla;

(f) inani leepatroli ezenziwe lisolomzi kummandla; kunye

(g) nezinye iinkxalabo zokhuseleko kummandla.

ISAHLUKO 4
UVIMBA WEENKCUKACHA NOBUHLAKANI NEMIBUTHO YASEKUHLALENI

Isicelo sokufakwa kuvimba

8. (1) Umbutho wasekuhlaleni oxelwe kwicandelo 7(1)*(a)* loMthetho ungafaka isicelo sokufakwa kuvimba ngokungenisa ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo engu-DOCS4 ekwiSihlomelo D kwiNtloko yeSebe.

(2) Xa iNtloko yeSebe iqwalasela ze igqibe ngesicelo sokufakwa kuvimba, iNtloko yeSebe kufuneka ithathele ingqalelo oku kulandelayo—

(a) inqanaba lentatho-nxaxheba yomfaki-sicelo kule miba ilandelayo:

(i) ukuphakamisa ukwenziwa komsebenzi wokupolisa ngendlela eyiyo;

(ii) ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho;

(iii) ukunqanda ulwaphulo-mthetho;

(iv) ukuphakamisa ukhuseleko loluntu;

(v) ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni;

(b) ingaba umfaki-sicelo unabo ubuhlakani neminye ebandakanyeka kwimiba ekubhekiswe kuyo kumhlathi *(a)*;

(c) ukukwazi komfaki-sicelo ukubonelela ngeenkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko okanye iziganeko zolwaphulo-mthetho ezichanekileyo nezisandula kwenzeka;

(d) umfaki-sicelo abe akaphakamisi zinjongo namisebenzi yeqela lopolitiko; kwanokuba

(e) ingaba umfaki-sicelo uyasebenzisana neforam yezobupolisa yasekuhlaleni kummandla kwimiba ebachaphazela bonke okanye izizathu zokungasebenzisani neforam yezobupolisa yasekuhlaleni.

(3) Isicelo sokubhaliswa kuvimba kufuneka sibandakanye ezi nkcukacha nala maxwebhu alandelayo:

(a) igama lomfaki-sicelo;

(b) isiqinisekiso sokuba lo mntu ufaka isicelo unegunya lokwenza oko egameni lomfaki-sicelo;

(c) idilesi yendawo yakhe kunye neenkcukacha zomfaki-sicelo;

(d) ingaba umfaki-sicelo ubhalisiwe na ngokomthetho, ukuba kunjalo, isiqinisekiso sobhaliso;

(e) inkcazelo yommandla, ebandakanya imida yommandla, nemephu yommandla ukuba ikhona;

(f) iinkcukacha zesitishi samapolisa saloo mmandla;

(g) iinkcukacha zeforam yezobupolisa yasekuhlaleni ommandla;

(h) amagama neenkcukacha zoqhagamshelwano zamalungu esigqeba solawulo somfaki-sicelo;

(i) inkcazo ngobandakanyeko lomfaki-sicelo kuyo nayiphi imiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(a)* noqinisekiso loko, ukuba lukhona;

(j) ingaba umfaki-sicelo usebenza kwingingqi, kwiphondo, kwilizwe lonke okanye kwihlabathi lonke;

(k) ingxelo ebhaliweyo exhasa isicelo malunga nemiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(b)* ukuya ku-*(e)* noqinisekiso lwaloo miba, ukuba lukhona.

(4) Uqinisekiso oluxelwe kumqathangwana (3)*(i)* no-*(k)* lungabandakanya—

(a) ikopi okanye ucaphulo lwerekhodi zeenkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko neziganeko zolwaphulo-mthetho ezigcinwe ngumfaki-sicelo;

(b) ikopi okanye ucaphulo lwembalelwano namapolisa malunga nemiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(a)*;

(c) ikopi okanye ucaphulo lwembalelwano nombutho oluqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kwimiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(a)* okanye ubuhlakani obuxelwe kumgaqwana (2)*(b)*;

(d) imizuzu esayiniweyo yomfaki-sicelo eqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kwimiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(a)*;

(e) uxwebhu loseko, imemorandam yesivumelwano okanye naluphi olunye uxwebhu oluqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kwimiba ekubhekiswe kuyo kumgaqwana (2)*(a)*;

(f) ikopi okanye ucaphulo lwembalelwano neforam yezobupolisa yasekuhlaleni kummandla oluqinisekisa intsebenziswano yomfaki-sicelo neforam yezobupolisa yasekuhlaleni.

(5) INtloko yeSebe mayithi ngembalelwano yazise umfaki-sicelo ngesigqibo sesicelo yaye nalowo isicelo sakhe singaphumelelanga kufuneka achazelwe izizathu zoko.

(6) INtloko yeSebe kufuneka inikeze isatifikethi sokufakwa kuvimba kumbutho ngamnye okuvimba.

(7) Isatifikethi sokufakwa kuvimba masichaze isithuba sokuba kuvimba esingenokuba ngaphezulu kweminyaka emibini, kunye nenombolo yoludwe phaya kuvimba.

(8) INtloko yeSebe kufuneka igcine irejista yezatifikethi ezikhutshiweyo zokungeniswa kuvimba.

(9) INtloko yeSebe kufuneka enze ukuba amapolisa okanye naliphi iziko likarhulumente lifikelele kwiinkcukacha ezikuvimba, xa oko bekucelile.

Uhlaziyo lwemibutho yasekuhlaleni ekuvimba

9. (1) UMgaqo 8, ofundwa nezilungiso, uchaphazela isicelo sohlaziyo sokufakwa kuvimba sombutho wasekuhlaleni okuvimba.

(2) Umbutho wasekuhlaleni okuvimba kufuneka ufake isicelo sohlaziyo lokuba kuvimba, ubuncinane kwiinyanga ezintathu phambi kokuba luphelelwe ukuqinisekisa ukuba luyahlaziywa phambi kokuba luphelelwe.

Ubonelelo ngenkxaso, ngeenkcukacha okanye izibonelelo kwimibutho yasekuhlaleni

10. (1) Umbutho wasekuhlaleni okuvimba oxelwe kwicandelo 7(1)*(a)* loMthetho ungafaka isicelo kwiNtloko yeSebe senkxaso, seenkcukacha okanye sezibonelelo ngokungenisa ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo engu-DOCS5 ekwiSihlomelo E kwiNtloko yeSebe.

(2) Xa iNtloko yeSebe iqwalasela ze igqibe ngesicelo senkxaso, seenkcukacha okanye sezibonelelo, iNtloko yeSebe kufuneka ithathele ingqalelo oku kulandelayo—

(a) iinjongo okanye imisebenzi eza kusetyenziselwa yona inkxaso, iinkcukacha okanye izibonelelo ezicelwayo;

(b) izizathu zenkxaso, iinkcukacha okanye izibonelelo ezifunwayo; kunye

(c) nesicelo senkxaso okanye sezibonelelo, kwanokuba ingaba umfaki-sicelo usebenzela inzuzo okanye hayi na.

(3) Isicelo senkxaso, seenkcukacha okanye sezibonelelo kufuneka sibandakanye ezi nkcukacha nala maxwebhu alandelayo:

(a) igama lomfaki-sicelo;

(b) isiqinisekiso sokuba lo mntu ufaka isicelo unegunya lokwenza oko egameni lomfaki-sicelo;

(c) idilesi yendawo yakhe kunye neenkcukacha zomfaki-sicelo;

(d) inkcazo yeenjongo okanye imisebenzi eza kusetyenziselwa yona inkxaso, iinkcukacha okanye izibonelelo neenkcukacha zenkxaso, iinkcukacha okanye izibonelelo ezifunwayo;

(e) izizathu zenkxaso, iinkcukacha okanye izibonelelo ezifunwayo; kunye

(f) nesicelo senkxaso okanye sezibonelelo, kwanokuba ingaba umfaki-sicelo usebenzela inzuzo okanye hayi na yaye, ukuba kunjalo, ubungqina boko.

(4) Umbutho wasekuhlaleni okuvimba oxelwe kwicandelo 7(1)*(a)* loMthetho ungafaka isicelo kwiNtloko yeSebe soqeqesho ngokungenisa ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo engu-DOCS6 ekwiSihlomelo F kwiNtloko yeSebe.

(5) Xa iNtloko yeSebe iqwalasela ze igqibe ngesicelo soqeqesho, iNtloko yeSebe kufuneka ithathele ingqalelo oku kulandelayo—

(a) inani lamalungu omfaki-sicelo adinga uqeqesho noqeqesho oludingekayo;

(b) iinkcukacha zoqeqesho olwenziwe ngokweemfuno zoMthetho, amacandelo esipolisa, inkxaso yamaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqandwa kolwaphulo-mthetho okanye eyokhuseleko loluntu eyenziwe liSebe okanye naliphi iziko isenzelwa amalungu omfaki-sicelo odinga uqeqesho; kunye

(c) nokukwazi kweSebe ukubonelela ngoqeqesho.

(6) Isicelo soqeqesho kufuneka sibandakanye ezi nkcukacha nala maxwebhu alandelayo:

(a) igama lomfaki-sicelo;

(b) isiqinisekiso sokuba lo mntu ufaka isicelo unegunya lokwenza oko egameni lomfaki-sicelo;

(c) inani namagama apheleleyo amalungu omfaki-sicelo adinga uqeqesho noqeqesho oludingekayo;

(d) iinkcukacha noqeqesho olwalukho ngaphambili olumalunga nemiqathango yokunika ingxelo ngokoMthetho, amacandelo esipolisa, inkxaso yamaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqandwa kolwaphulo-mthetho okanye ukhuseleko loluntu olufunyenwe kwiSebe okanye naliphi na iziko elenzelwe amalungu omfaki-sicelo; kunye

(e) nekopi yesatifikethi sokufakwa kuvimba esinikwe umfaki-sicelo ngokomgaqo 8(6), esiqinisekiswe ngumkhomishinala wezifungo.

(7) Imvume yenkxaso okanye yoqeqesho lombutho wasekuhlaleni okuvimba okanye unikezo lwezibonelelo kumbutho wasekuhlaleni okuvimba kufuneka ihambelane nePublic Finance Management Act, 1999 (uMthetho 1 ka-1999), yaye ixhomekeke ekubeni umbutho wasekuhlaleni ube nesivumelwano neSebe malunga senkxaso, iinkcukacha, uqeqesho okanye sezibonelelo.

(8) INtloko yeSebe mayithi ngembalelwano yazise umfaki-sicelo ngesigqibo sesicelo yaye nalowo isicelo sakhe singaphumelelanga kufuneka achazelwe izizathu zoko.

(9) INtloko yeSebe kufuneka inikeze isatifikethi sozimaso kwilungu ngalinye lombutho wasekuhlaleni elugqube uqeqesho.

(10) INtloko yeSebe kufuneka igcine irejista yezatifikethi zozimaso ezikhutshiweyo.

(11) Inkxaso, iinkcukacha, izibonelelo okanye uqeqesho olufakelwa isicelo kufuneka ezo zinto zigqitywe yiNtloko yeSebe yaye zisenokuba nento yokwenza noxhotyiso lombutho ngeemfuno zokunika ingxelo ngokwalo Mthetho, amacandelo esipolisa, inkxaso yamaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqandwa kolwaphulo-mthetho okanye ukhuseleko loluntu.

Ukunikwa kwengxelo yimibutho yasekuhlaleni

11. Ukulungiselela kwecandelo 8(1), umbutho wasekuhlaleni okuvimba phantsi kwecandelo 7(1)*(a)* loMthetho kufuneka zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kwesicelo esenziwe yiNtloko yeSebe unike ingxelo ebhaliweyo kwiNtloko yeSebe ngale miba ilandelayo ethe yaqwalaselwa ngumbutho wasekuhlaleni kwisithuba esichaziweyo kwisicelo:

(a) imiba enento yokwenza nomsebenzi wokubeka iliso;

(b) iindawo zoluntu ezingakhuselekanga;

(c) ubuhlakani umbutho wasekuhlaleni oyinxalenye yabo obuphucula ukhuseleko okanye imiba efana naleyo;

(d) inani nobunjani beziganeko zolwaphulo-mthetho ezirekhodwe yimibutho yasekuhlaleni; kunye

(e) nezinye iinkxalabo zokhuseleko kummandla.

ISAHLUKO 5

INKQUBO YEENKCUKACHA EMANYANISIWEYO

Inkqubo yeenkcukacha emanyanisiweyo

12. (1) Umniki wenkonzo yokhuseleko oxelwe kwicandelo 8(6) loMthetho angafaka isicelo ukuba abhaliswe kuvimba ngokungenisa ifomu ezalisiweyo nesayiniweyo engu-DOCS7 ekwiSihlomelo G kwiNtloko yeSebe.

(2) Xa iNtloko yeSebe iqwalasela ze igqibe ngesicelo somniki wenkonzo yokhuseleko sokuba abhaliswe kuvimba, iNtloko yeSebe kufuneka ithathele ingqalelo oku kulandelayo—

(a) inani lamagosa okhuseleko aqeshwe ngumfaki-sicelo;

(b) ubungakanani bexesha umfaki-sicelo ekhona;

(c) ingaba umfaki-sicelo ubhalisiwe ngokweemfuno zecandelo 20(1)*(a)* lePrivate Security Industry Regulation Act, 2001 (Act 56 of 2001);

(d) inqanaba lentsebenziswano yomfaki-sicelo namapolisa, oosolomzi neeforam zobupolisa zasekuhlaleni zommandla;

(e) ukukwazi komfaki-sicelo ukubonelela ngeenkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko okanye iziganeko zolwaphulo-mthetho ezichanekileyo nezisandula kwenzeka; kwanokuba

(f) umfaki-sicelo abe akaphakamisi zinjongo namisebenzi yeqela lopolitiko.

(3) Isicelo somniki wenkonzo yokhuseleko sokuba abhaliswe kuvimba kufuneka sibandakanye ezi nkcukacha nala maxwebhu alandelayo:

(a) igama lomfaki-sicelo;

(b) isiqinisekiso sokuba lo mntu ufaka isicelo unegunya lokwenza oko egameni lomfaki-sicelo;

(c) idilesi yendawo yakhe kunye neenkcukacha zomfaki-sicelo;

(d) isiqinisekiso sokuba umniki wenkonzo yokhuseleko ubhalisiwe ngokweemfuno zecandelo 20(1)*(a)* lePrivate Security Industry Regulation Act, 2001;

(e) inkcazelo yommandla, ebandakanya imida yommandla, nemephu yommandla ukuba ikhona;

(f) iinkcukacha zesitishi samapolisa sommandla;

(g) iinkcukacha zeeforam zezobupolisa zasekuhlaleni zommandla;

(h) amagama neenkcukacha zoqhagamshelwano zeemanejala zomfaki-sicelo;

(i) umhla wokusekwa komfaki-sicelo;

(j) iinkcazelo malunga inqanaba lentsebenziswano yomfaki-sicelo namapolisa, oosolomzi neeforam zobupolisa zasekuhlaleni zommandla nengqinisekiso yoko, ukuba ikhona, okanye izizathu zokungasebenzisani namapolisa, oosolomzi neeforam zobupolisa zasekuhlaleni zommandla;

(k) iinkcazelo malunga ukukwazi komfaki-sicelo ukubonelela ngeenkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko okanye iziganeko zolwaphulo-mthetho ezichanekileyo nezisandula kwenzeka nengqinisekiso yoko, ukuba ikhona; kunye

(l) inkcazelo eqinisekisa ukuba umfaki-sicelo akaphakamisi zinjongo namisebenzi yeqela lopolitiko.

(4) Uqinisekiso oluxelwe kumgaqwana (3)*(j)* lungabandakanya ikopi okanye ucaphulo lwembalelwano namapolisa, oosolomzi okanye amapolisa asekuhlaleni akummandla lwentsebenziswano yomfaki-sicelo namapolisa, oosolomzi neeforam zobupolisa zasekuhlaleni zommandla.

(5) INtloko yeSebe mayithi ngembalelwano yazise umfaki-sicelo ngesigqibo sesicelo yaye nalowo isicelo sakhe singaphumelelanga kufuneka achazelwe izizathu zoko.

(6) INtloko yeSebe kufuneka inikeze isatifikethi sokufakwa kuvimba kumniki wenkonzo yokhuseleko ngamnyeokuvimba.

(7) Isatifikethi sokufakwa kuvimba masichaze isithuba sokuba kuvimba esingenokuba ngaphezulu kweminyaka emibini, kunye nenombolo yoludwe phaya kuvimba.

(8) INtloko yeSebe kufuneka igcine irejista yezatifikethi ezikhutshiweyo zokungeniswa kuvimba.

Ukuhlaziywa kobhaliso lomniki wenkonzo yokhuseleko kuvimba

13. (1) UMqathango 12(1) ukuya ku-(8), ofundwa nezilungiso, uchaphazela isicelo sohlaziyo sokufakwa kuvimba somniki wenkonzo yokhuseleko kuvimba.

(2) Umniki wenkonzo yokhuseleko okuvimba kufuneka afake isicelo sohlaziyo sokuba kuvimba ubuncinane kwiinyanga ezintathu phambi kokuba siphelelwe ukuqinisekisa ukuba kuvimba kuyahlaziywa phambi kokuba kuphelelwe.

Ukunikwa kwengxelo ngumniki wenkonzo yokhuseleko obhalisiweyo

14. Ukulungiselela icandelo 8(1), umniki wenkonzo yokhuseleko obhalisiweyo oxelwe kwicandelo 8(7) loMthetho kufuneka kwiintsuku ezingama-30 emva kokucelwa nguMphathiswa wePhondo anike ingxelo ebhaliweyo kuMphathiswa wePhondo ngale miba ilandelayo eqwalaselwe ngumniki wenkonzo yokhuseleko kwisithuba esichaziweyo kwisicelo:

(a) inani nohlobo lolwaphulo-mthetho kummandla olurekhodwe ngumniki wenkonzo yokhuseleko;

(b) indawo ekwenzeke kuyo ulwaphulo-mthetho kummandla;

(c) ingaba iqwalaselwe le miba ilandelayo ukuze kukwazeke ukuba kuthathwe isigqibo ngokwenziwa komsebenzi wokubeka iliso, izidingo nezinto eziphambili ezidingekayo kummandla kunye nokusebenza kwenkonzo yesipolisa kuloo mmandla:

(i) imiba enento yokwenza nomsebenzi wokubeka iliso;

(ii) iindawo zoluntu ezingakhuselekanga;

(iii) ubuhlakani umniki wenkonzo yokhuseleko ayinxalenye yabo bokuphucula ukhuseleko;

(d) ezinye iinkxalabo zokhuseleko kummandla; kunye

(e) inani neenkcukacha zemipu eyalahlekayo okanye eyabiwayo ngeli lixa ibikumniki wenkonzo yokhuseleko.

ISAHLUKO 6
IMIQATHANGO GABALALA

Ukungeniswa kweefomu zezicelo ezithunyelwa ngekhompyutha

15. Nasiphi isicelo ngokwale miqathango singenziwa ngokufaka iinkcukacha ezifunekayo ngokwale miqathango kwiwebhusayithi kusetyenziswa ifomu efanelekileyo, ukuba ikhona, ementeyinwa liSebe.

Uhlolo olumane lusenziwa nokuthotyelwa kwemiqathango

16. (1) Umsebenzi otyunjwe nguMphathiswa wePhondo okanye iNtloko yeSebe, ngokwemeko leyo, angathi ngokwale miqathango enze uhlolo ngenjongo yokufumana iinkcukacha zokuvavanya isicelo ngokwale miqathango okanye ukuqinisekisa ukuba ingaba isolomzi liyithobele na imigangatho ekubhekiswe kuyo kumqathango 4, umbutho okuvimba uzithobele na iimfuno ezikumqathango 8(2) okanye umniki wenkonzo yokhuseleko obhaliswe kuvimba uzithobele na iimfuno zomgaqo 12(2)*(c)* ukuya ku-*(f)*.

(2) Xa kusenziwa uhlolo, umsebenzi otyunjiweyo angathi—

(a) acele naziphi iirekhodi, amaxwebhu okanye nantoni na ukuba ikhutshwe ukuze ayihlole;

(b) enze iikopi okanye acaphule nakuluphi uxwebhu oluchazwe kumhlathi *(a)* olunento yokwenza nohlolo;

(c) emva kokunikeza irisithi, angasusa irekhodi, uxwebhu okanye olunye uxwebhu olunento yokwenza nohlolo.

(3) Akukho mntu unokuphazamisa igosa elityunjiweyo elenza umsebenzi walo wohlolo ngokwale miqathango.

(4) Ukuba naliphi irekhodi, uxwebhu okanye naziphi iinkcukacha okanye ukufikelela kwinkcukacha okufunekayo ukuze kuqwalaselwe isicelo kuye kwaliwa ngumfaki-sicelo, uMphathiswa wePhondo okanye iNtloko yeSebe, ngokwemeko leyo, ingala ukuqwalasela okanye ukwamkela isicelo.

(5) Umsebenzi otyunjiweyo kufuneka, xa eceliwe, akhuphe isazisi esibonisa ukuba utyunjiwe ukuba enze uhlolo.

(6) Uhlolo ngokomgaqwana (1) kufuneka lwenzeke ngexesha elamkelekileyo nasemva kokunikwa kwesaziso kumfaki-sicelo.

(7) Ukuba isolomzi lisilele ukuthobela imigangatho ekubhekiswe kuyo kumqathango 4 okanye ukunika ingxelo njengoko kuchazwe kumgaqo 7, uMphathiswa wePhondo angenza oko kuchazwe kwicandelo 6(12) no-(13) loMthetho.

(8) Ukuba umbutho okuvimba usilele ukuthobela umgaqo 8(2) okanye 11, okanye umniki wenkonzo yokhuseleko obhaliswe kuvimba usilele ukuthobela iimfuno zomgaqo 12(2)*(c)* ukuya ku-*(f)* okanye 14, iNtloko yeSebe ingathi ngesaziso esibhaliweyo iyalele umbutho okanye umniki wenkonzo yokhuseleko ukuba uthobele iimfuno ezo ngesithub esichazwe kwisaziso.

(9) Ukuba umbutho okanye umniki wenkonzo yokhuseleko akathobelanga isaziso ngesithuba esikhankanyiweyo, iNtloko yeSebe ingalurhoxisa ubhaliso lwaloo mbutho okanye lomniki wenkonzo yokhuseleko kuvimba.

Iimali ezibekiweyo nemiqathango yethutyana

17. (1) Umbutho oxelwe kwicandelo 6(1) loMthetho othe wafumana inkxasomali, izibonelelo okanye uqeqesho kwiSebe kanye phambi kokuqala kwalo Mthetho kufuneka, kwiinyanga ezintathu zokuqala kokusebenza kwalo Mthetho, ufake isicelo sesiqinisekiso ngokomgaqo 3.

(2) Ukuba isicelo sesiqinisekiso singenisiwe kuMphathiswa wePhondo phambi kokuphela kwesithuba esixelwe kumgaqwana (1), umbutho kufuneka unikwe isatifikethi sesicelo yaye uthathwa njengesolomzi de kuthathwe isigqibo ngesicelo.

(3) Inkxasomali okanye isivumelwano ekungenwe kuso phambi kokuqala kokusebenza kwecandelo 6 loMthetho ayichaphazeli ukwaliwa kwesicelo esixelwe kumgaqwana (2) okanye ukuba eso sicelo sifakiwe.

(4) UMphathiswa wePhondo anganika umfaki-sicelo ofake isicelo ngokomgaqo 3 sesiqinisekiso isatifikethi sesicelo yaye oko akuhambelani neemfuno zoqinisekiso.

(5) Umfaki-sicelo onikwe isatifikethi sesicelo kwimeko ezixelwe kumgaqwana (4) uthathwa njengesolomzi de umfaki-sicelo angenise isiqinisekiso esixelwe kumgaqo 3 kuthobelo lweemfuno zesiqinisekiso ekugqitywa ngazo ngesicelo.

(6) Umfaki-sicelo oxelwe kumgaqwana (5) kufuneka angenise isiqinisekiso sothobelo lweemfuno zoqinisekiso ezigqitywe nguMphathiswa wePhondo, ukuba oko akwenzeki isatifikethi sesicelo siyaphelelwa yaye isicelo kufuneka saliwe.

ISAHLUKO 7
UKUNIKWA KWENGXELO YINKONZO YESIPOLISA

Ukunikwa kwengxelo nguMkhomishinala wePhondo

18. (1) UMkhomishinala wePhondo kufuneka anike ingxelo kuMphathiswa wePhondo njengoko kuxeliwe kulandelwa icandelo 19(1)*(a)* no-*(b)* loMthetho malunga nezi zithuba zilandelayo zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokuphela kwesithuba ngasinye:

(a) 1 kuTshazimpuzi ukuya kowama-30 kweyeSilimela;

(b) 1 kweyeThupha ukuya kowama-30 kweyoMsintsi;

(c) 1 kweyeDwarha ukuya kowama-31 kweyoMnga; kunye

(d) nowokuQala kweyoMqungu ukuya kowama-31 kweyoKwindla.

(2) Xa uMkhomishinala wePhondo enika ingxelo ngokwemiba exelwe kwicandelo 19(1)*(a)*(vi), kufuneka achaze inani nohlobo lolwaphulo-mthetho oluxelwe kwisitishi samapolisa ngasinye kwifomu engu-DOCS8 kwiSihlomelo H.

(3) UMkhomishinala wePhondo naye angafaka ifomu engu-DOCS8 ekwiSihlomelo H esebenzisa ikhompyutha okanye ifeksi okanye ekwikhompyutha ehambelana naleyo ikwiSihlomelo H.

(4) Ifomu engu-DOCS8 ihambelana kakhulu nengxelo yonyaka yenkonzo yamapolisa emalunga nolwaphulo-mthetho yaye ukuba kukho utshintsho kwifomathi yengxelo yonyaka, ifomu engu-DOCS8 ithathwa ngokuba nayo itshintshwe ngolo hlobo.

(5) Xa uMkhomishinala wePhondo enika ingxelo ngemiba ekwicandelo 19(1)*(a)*(vii) loMthetho, akudingeki ukuba angenise iingxelo ngokusetyenziswa kwezixhobo ngelixa kuqhutywa uqeqesho, kusenziwa uqhelaniso naxa kuqhutywa novavanyo nohlolo lweembumbulu.

Ukunikwa kwengxelo yintloko yesgqeba samapolisa kamasipala service

19. (1) Intloko yesigqeba yamapolisa kamasipala kufuneka inike ingxelo kuMphathiswa wePhondo njengoko kuchaziwe kulandelwa icandelo 21(1)*(a)* no-*(b)* loMthetho malunga nezi zithuba zilandelayo zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokuphela kwesithuba ngasinye:

(a) 1 kuTshazimpuzi ukuya kowama-30 kweyeSilimela;

(b) 1 kweyeThupha ukuya kowama-30 kweyoMsintsi;

(c) 1 kweyeDwarha ukuya kowama-31 kweyoMnga; kunye

(d) nowokuQala kweyoMqungu ukuya kowama-31 kweyoKwindla.

(2) Xa intloko yesigqeba yamapolisa kamasipala inika ingxelo ngemiba exelwe kwicandelo 19(1)*(a)*(vi) loMthetho, ofundwa nezilungiso kufuneka ichaze inani nohlobo lolwaphulo-mthetho ekuye kwabanjwa abantu kulo kwifomu engu-DOCS9 kwiSihlomelo I.

(3) Xa intloko yesigqeba samapolisa kamasipala inika ingxelo ngemiba ekwicandelo 19(1)*(a)*(vi) loMthetho, akudingeki ukuba anike ingxelo ngokusetyenziswa kwezixhobo ngelixa kuqhutywa uqeqesho okanye kusenziwa uqhelaniso.

Isihloko esifutshane

20. Le migaqo ibizwa ngokuba yiMigaqo yezoKhuseleko loLuntu yeNtshona Koloni, 2016, kwaye iza kuqalisa ukusebenza ngomhla we-1 kweyeDwarha 2016.

ISIHLOMELO A

DOCS1

IFOMU YESICELO YOQINISEKISO LWESOLOMZI LENGINGQI

(Icandelo 6(1) loMthetho weNtshona Koloni woKhuseleko loLuntu, 2013, nomgaqo 3)

ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

Idilesi yeSebe *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Inombolo yeSalathiso *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo.	

1. IINKCUKACHA ZOMFAKI-SICELO

1.1 Igama lomfaki-sicelo: _____

1.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.3 Ilokishi: _____

1.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.5 Ifowuni: _____

1.6 Ifeksi: _____

1.7 Iselula: _____

1.8 I-imeyili: _____

2. IINKCUKACHA ZOMQUQUZELELI

2.1 Amagama akho: _____

2.2 Ifani: _____

2.3 Inombolo yesazisi okanye yepasi: _____

2.4 Idilesi yesitalato: _____

_____

2.5 Ummandla wedolophu: _____

2.6 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

2.7 Ifowuni:_____

2.8 Ifeksi: _____

2.9 Iselula: _____

2.10 I-imeyili: _____

3. INKCAZELO YOMMANDLA

3.1 Ummandla wedolophu:

_____

3.2 Amagama ezitalato ezikwimida yommandla: _____

_____

_____

3.3 Enye inkcazelo *(ukuba ikhona)*: _____

_____

_____

4. AMAGAMA AMALUNGU

_____

5. IINKCUKACHA ZESITISHI SAMAPOLISA SOMMANDLA

5.1 Igama: _____

5.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

5.3 Ummandla wedolophu: _____

_____

5.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

5.5 Ifowuni: _____

5.6 Ifeksi: _____

5.7 Iselula: _____

5.8 I-imeyili: _____

6. IINKCUKACHA ZEFORAM YAMAPOLISA ASEKUHLALENI OMMANDLA

6.1 Igama: _____

6.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

6.3 Ummandla wedolophu: _____

6.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

6.5 Ifowuni: _____

6.6 Ifeksi: _____

6.7 Iselula: _____

6.8 I-imeyili: _____

7. UTHOBELO LWEMIQATHANGO

7.1 Ingaba injongo ephambili yomfaki-sicelo kukukhusela amalungu, ipropati yawo kulwaphulo-mthetho kunye nezinye iinkxalabo zokhuseleko apha engingqini?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza okanye uqhoboshele uxwebhu loseko lwesolomzi okanye esinye isiqinisekiso: _____

_____

_____

7.2 Ingaba umfaki-sicelo akasebenzeli kwenza nzuzo?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza okanye uqhoboshele uxwebhu loseko lwesolomzi okanye esinye isiqinisekiso: _____

_____

_____

7.3 Ingaba amalungu omfaki-sicelo ayakwazi ukubonakala ukuba ngawo xa esebenza?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza indlela abonwa ngayo: _____

_____

_____

7.4 Ingaba izithuthi nezixhobo zomfaki-sicelo ziyabonakala xa zipatrola?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba zibonakala njani: _____

_____

_____

7.5 Ingaba imisebenzi yokupatrola yomfaki-sicelo iyabhalwa phantsi?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza oku kulandelayo: _____

_____

_____

_____

7.6 Ingaba imisebenzi yokupatrola yomfaki-sicelo iyabhalwa phantsi?

Ewe	
Hayi	

7.6.1 Iinkcukacha zomntu otyunjwe ukuba abhale imisebenzi yokupatrola:

Amagama akho: _____

Ifani: _____

I-imeyili: _____

Ifowuni: _____

Iselula: _____

7.6.2 Chaza inkqubo esetyenziswayo ukubhala phantsi imisebenzi yokupatrola:

_____

_____

_____

7.6.3 Ingaba xa umntu efuna ukubona la maxwebhu okupatrola angawafumana?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba afumaneka njani: _____

_____

7.7 Chaza imodeli yenkxaso-mali yomfaki-sicelo: _____

_____

_____

7.8 Chaza iindlela ezisetyenziswayo ngumfaki-sicelo ukunxibelelana namalungu kunye noluntu oluchaphazelekayo: _____

_____

_____

_____

7.9 Ingaba umfaki-sicelo uyasebenzisana neforam yamapolisa asekuhlaleni kwimiba echaphazela uluntu nabasebenza ngayo bobabini?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza intsebenziswano eboniswa ngumfaki-sicelo: _____

_____

_____

Ukuba uthi hayi, nika izizathu zokungabikho kwentsebenziswano yomfaki-sicelo:

_____

_____

_____

7.10 Chaza iinkcukacha zebhanki zomfaki-sicelo: _____

_____

_____

_____

7.11 Chaza iinkcukacha zebhanki zomfaki-sicelo:

Igama lomnini-akhawunti: _____

Ibhanki: _____

Inombolo yeSebe: _____

Inombolo ye-akhawunti: _____

8. AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NAXHASA IINKCUKACHA *(tikisha iibhokisi kumba ngamnye ze uqhoboshele iikopi ezisetifaywe ngumkhomishinala wezifungo ofumaneka emapoliseni okanye eposini)*

8.1 Ikopi yesindululo okanye isiqinisekiso sokuba umntu ofake isicelo ugunyazisiwe ukuba enze oko egameni lomfaki-sicelo

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

8.2 Ikopi yoqinisekiso lobhaliso njengombutho ongenzi nzuzo okanye olunye uqinisekiso lokuba umfaki-sicelo akasebenzeli kwenza nzuzo

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

8.3 Ikopi yembalelwano neforam yamapolisa asekuhlaleni eqinisekisa intsebenziswano

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

8.4 Ikopi yembalelwano namapolisa eqinisekisa intsebenziswano

Ewe	
Hayi	

8.5 Ikopi yoxwebhu loseko lwesolomzi elingumfaki-sicelo

Ewe	
Hayi	

8.6 Ikopi yocaphulo lwamaxwebhu emisebenzi eniyenzayo

Ewe	
Hayi	

8.7 Umzekelo weelogo

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

8.8 Ikopi yengxelo yezimali yeenyanga ezili-12 ezingaphambili okanye ukuba umfaki-sicelo ubekho iinyanganyana ezimbalwa, ingxelo yemali yezi nyanga zimbalwa ekhona

Ewe	
Hayi	

8.9 Imephu yommandla

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

8.9 Okunye *(chaza)*:

Ewe	
Hayi	
Akukho	

_____

_____

_____

_____

Mna, mntu usayinileyo *(bhala igama nefani yakho)*, _____,

ogunyaziswe yi *(chaza imizuzu/isindululo esikugunyazisileyo)*_____,

ndiqinisekisa ukuba iinkcukacha ezikule fomu yokufaka isicelo zinyanisekile yaye zichanekile.

Ndiyavuma ukuba, ukuba kuthe kanti iinkcukacha ezilapha zifunyaniswe ukuba aziyonyani, isicelo siya kukhatywa.

Isignitsha: _____

Umhla: _____

Igama nefani yomntu osayinileyo: _____

ESI SIQWENGA SINGEZANTSI SIGCWALISWA NGABASEBENZI BE-OFISI:

Umhla esifike ngawo: _____

Sifikele ku: _____

Igama lomsebenzi ojongene nesicelo: _____

Umhla wokwamkelwa/wokukhatywa kwesicelo:_____

ISIHLOMELO B

DOCS2

IFOMU YESICELO YESOLOMZI LENGINGQI SENKXASO-MALI OKANYE SEZIBONELELO

(Icandelo 6(8) loMthetho weNtshona Koloni woKhuseleko loLuntu, 2013 (uMthetho), nomgaqo 6(1))

ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

Idilesi yeSebe *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Inombolo yeSalathiso *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo.	

ICANDELO A: ISICELO SENKXASO-MALI OKANYE SEZIBONELELO

1. IINKCUKACHA ZOMFAKI-SICELO

1.1 Igama lomfaki-sicelo *(isolomzi lengingqi)*: _____

_____

1.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.3 Ummandla wedolophu: _____

1.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*:

_____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.5 Ifowuni: _____

1.6 Ifeksi: _____

1.7 Iselula: _____

1.8 I-imeyili: _____

2. IINKCUKACHA ZOMNTU EKUQHAGAMSHELWANA NAYE

2.1 Amagama akhe: _____

2.2 Ifani: _____

2.3 Inombolo yesazisi okanye eyepasi: _____

2.4 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

2.5 Ilokishi: _____

2.6 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

2.7 Ifowuni: _____

2.8 Ifeksi: _____

2.9 Iselula: _____

2.10 I-imeyili: _____

3. UKUBANDAKANYEKA KOMFAKI-SICELO KWIMIBA EYAHLUKILEYO

3.1 Ingaba umfaki-sicelo uyawukhuthaza umsebenzi wobupolisa osesikweni?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

3.2 Ingaba umfaki-sicelo uyabandakanyeka ekuxhaseni amaxhoba olwaphulo-mthetho?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

3.3 Ingaba umfaki-sicelo uyabandakanyeka ekunqandeni ulwaphulo-mthetho?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

3.4 Ingaba umfaki-sicelo ukhe wachaza ngeendawo zoluntu okanye ngezinye iinkxalabo zoluntu koogunyaziwe abafanelekileyo?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza imeko leyo uchaze nokuba yayixelwe kubani:

_____

_____

_____

3.5 Ingaba umfaki-sicelo wakhe ubuhlakani neminye imibutho ebandakanyekayo kule miba ichazwe kumhlathi 3.1 ukuya ku-3.4?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubakhe njani: _____

_____

_____

4. IINKCUKACHA ZENJONGO OKANYE IMISEBENZI EFUNELWA YONA INKXASO-MALI OKANYE IZIBONELELO

4.1 Chaza izinto okanye imisebenzi efunelwa yona imali okanye izibonelelo:

_____

_____

_____

4.2 Ingaba umfaki-sicelo ubonisene neforam yobupolisa yasekuhlaleni malunga neenjongo okanye izinto eziza kwenziwa?

Ewe	
Hayi	

Ukuba akwenziwanga oko, nika izizathu: _____

_____

5. IINKCUKACHA ZEMALI OKANYE IZIBONELELO EZIFUNWAYO

Nika iinkcukacha zemali okanye izibonelelo ezidingekayo:

_____

_____

_____

6. AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NAXHASA IINKCUKACHA *(tikisha iibhokisi kumba ngamnye ze uqhoboshele iikopi ezisetifaywe ngumkhomishinala wezifungo ofumaneka emapoliseni okanye eposini)*

6.1 Ikopi yesatifikethi soqinisekiso esikhutshelwe umfaki-sicelo ngokwecandelo 6(6)*(a)*(ii) loMthetho

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.2 Ikopi yesatifikethi sesicelo esikhutshwe ngumfaki-sicelo ngokomgaqo 17(4)

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.3 Isindululo okanye ubungqina bokuba umntu owenza isicelo ugunyazisiwe ukuba enze oko egameni lomfaki-sicelo

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.4 Ikopi yocaphulo lweerekhodi zomfaki-sicelo zokwenza umsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni okanye kwabanye oogunyaziwe

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.5 Ikopi yembalelwano neforam yobupolisa yasekuhlaleni okanye omnye umbutho eqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kumsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni okanye kwabanye oogunyaziwe okanye ulwakhiwo lobudlelwane neminye imibutho echaphazeleka kule miba

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.6 Ikopi yembalelwano namapolisa malunga nomsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.7 Ikopi yemizuzu yeentlanganiso yomfaki-sicelo eqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kumsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni okanye kwabanye oogunyaziwe okanye ulwakhiwo lobudlelwane neminye imibutho echaphazeleka kule miba

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.8 Ikopi yoxwebhu loseko, imemorandam yesivumelwano okanye naluphi uxwebhu oluqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kwimiba ekubhekiswe kuyo kumhlathi 6.7

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

6.9 Okunye *(chaza)*:

Ewe	
Hayi	
Akukho	

_____

_____

_____

ICANDELO B: UQINISEKISO LWEENKCUKACHA ZEBHANKI

ISICELO SEENKCUKACHA ZEBHANKI
(Icandelo 6(8) loMthetho nomgaqo 6(3)*(g)*)

ISEBE:

UKHUSELEKO LOLUNTU
IOFISI: ULAWULO LWEZIMALI

System user only
BAS Ref. No.:
Captured by:
Date captured:
Authorised by:
Date authorised:

Iinkcukacha zebhanki

IINKCUKACHA ZEBHANKI:

Igama: _____

Idilesi: _____

_____

Idilesi ye-imeyili: _____

Umntu ekuqhagamshelwana naye: _____ **Inomb yefowuni:** _____

Mna/Thina _____ sicela yaye sigunyazisa wena ukuba uhlawule naziphi iimali zomfaki-sicelo kule akhawunti yae bhanki ikhankanyiweyo.

Siyaqonda ukuba iintlawulo ziya kuproseswa ngekhompyutha kusetyenziswa inkqubo ebizwa ngokuba yi-"ACB ELECTRONIC BANK TRANSFER SERVICE", yaye siyayiqonda into yokuba akukho zimpepha zantlawulo zongezelelekileyo ziya kuthunyelwa yibhanki yethu kodwa iinkcukacha zentlawulo nganye ziya kuprintwa kwistetimenti sebhanki okanye nakwivawutsha. (Oku akwenzeki xa ibhanki ingaqhelanga kuthumela zitetimenti zebhanki).

Siyaqonda ukuba iinkcukacha zentlawulo ziya kuthunyelwa liSebe ngendlela yesiqhelo, eziya kuchaza umhla imali eya kuvela ngawo kwiakhawunti yethu. Olu gunyaziso singalucima ngokuthi sithumele isaziso seentsuku ezingamashumi amathathu sisebenzisa iposi erejistarishiweyo.

		/ /
Isignitsha egunyazisiweyo	**Oonobumba bokuqala nefani**	**Umhla: dd/mm/ccyy**

Igama lebhanki: _____

Igama lesebe: _____

Ikhowudi yesebe: _____

Inombolo ye-akhawunti: _____

Uhlobo lwe-akhawunti:

	Current account		**Transmission account**
	Savings account		**Olunye (chaza)**

Umhla wesitampu sebhanki
(Iinkcukacha zebhanki maziqinisekisiwe njengezichanekileyo)

YEYE-OFISI KUPHELA
YAMKELWE YI-OFISI ENGUNDLUNKULU
Ifani noonobumba bokuqala:
Isignitsha:
Inqanaba lomvuzo:
Inomb yePersal:
Ugunyazizo:
Umhla:

Mna, mntu usayinileyo *(bhala igama nefani yakho)*, _____ ,
ogunyaziswe yi- *(chaza imizuzu/isindululo esikugunyazisileyo)* _____ ,
ndiqinisekisa ukuba iinkcukacha ezikule fomu yokufaka isicelo zinyanisekile yaye zichanekile.
Ndiyavuma ukuba, ukuba kuthe kanti iinkcukacha ezilapha zifunyaniswe zingeyonyani, isicelo siya kukhatywa.

Isignitsha: _____

Umhla: _____

Igama nefani yomntu osayinileyo: _____

ESI SIQWENGA SINGEZANTSI SIZALISWA NGABASEBENZI BE-OFISI:

Umhla esifike ngawo: _____

Sifikele ku-: _____

Igama lomsebenzi ojongene nesicelo: _____

Umhla wokwamkelwa/wokukhatywa kwesicelo: _____

ISIHLOMELO C
DOCS3

IFOMU YESICELO YESOLOMZI LENGINGQI SOQEQESHO LWAMALUNGU
(Icandelo 6(8) loMthetho weNtshona Koloni woKhuseleko loLuntu, 2013 (uMthetho), nomgaqo 6(5))

ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

Idilesi yeSebe *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Inombolo yeSalathiso *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo.	

1. IINKCUKACHA ZOMFAKI-SICELO

1.1 Igama lomfaki-sicelo: _____

1.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.3 Ummandla wedolophu: _____

1.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.5 Ifowuni: _____

1.6 Ifeksi: _____

1.7 Iselula: _____

1.8 I-imeyili: _____

2. IINKCUKACHA ZOMNTU EKUQHAGAMSHELWANA NAYE

2.1 Amagama akhe: _____

2.2 Ifani: _____

2.3 Inombolo yesazisi okanye eyepasi: _____

2.4 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

2.5 Ummandla wedolophu: _____

2.6 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

2.7 Ifowuni: _____

2.8 Ifeksi: _____

2.9 Iselula: _____

2.10 I-imeyili: _____

3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

3.1 Chaza inani lamalungu omfaki-sicelo adinga uqeqesho: _____

3.2 Nika amagama amalungu omfaki-sicelo adinga uqeqesho, inkcazelo yoqeqesho edingekayo noqeqesho olwalukhe lwafunyanwa ngaphambili *(kwitheyibhile ekwiphepha elilandelayo, ungaqhoboshela amanye amaphepha ukuba kuyimfuneko)*:

Amagama neefani zamalungu	**Inkcazelo yoqeqesho olufunekayo**	**Uqeqesho olwalukhe lwafunyanwa ngaphambili olumalunga: nemiqathango yokunika ingxelo ngokoMthetho, umsebenzi wobupolisa, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho okanye ukhuseleko loluntu**

4. AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NAXHASA IINKCUKACHA
(tikisha iibhokisi kumba ngamnye ze uqhoboshele iikopi ezisetifaywe ngumkhomishinala wezifungo ofumaneka emapoliseni okanye eposini)

4.1 Ikopi yesatifikethi soqinisekiso esikhutshelwe umfaki-sicelo ngokwecandelo 6(6)*(a)*(ii) loMthetho

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

4.2 Ikopi yesatifikethi sesicelo esikhutshwe ngumfaki-sicelo ngokomqathango 17(2)

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

4.3 Ikopi yesindululo okanye ubungqina bokuba umntu owenza isicelo ugunyazisiwe ukuba wenza oko egameni lomfaki-sicelo

Ewe	
Hayi	
Asikho	

4.4 Okunye *(chaza)*:

Ewe	
Hayi	
Akukho	

_____

_____

_____

Mna, mntu usayinileyo *(bhala igama nefani yakho)*, _____,

ogunyaziswe yi- *(chaza imizuzu/isindululo esikugunyazisileyo)* _____,

ndiqinisekisa ukuba iinkcukacha ezikule fomu yokufaka isicelo zinyanisekile yaye zichanekile.

Ndiyavuma ukuba, ukuba kuthe kanti iinkcukacha ezilapha zifunyaniswe zingeyonyani, isicelo siya kukhatywa.

Isignitsha: _____

Umhla: _____

Igama nefani yomntu osayinileyo: _____

ESI SIQWENGA SINGEZANTSI SIGCWALISWA NGABASEBENZI BE-OFISI:

Umhla esifike ngawo: _____

Umntu esifikele kuye: _____

Igama lomsebenzi ojongene nesicelo: _____

Umhla wokwamkelwa/wokukhatywa kwesicelo: _____

ISIHLOMELO D
DOCS4

IFOMU YESICELO YOMBUTHO WASEKUHLALENI YOKUBA UFAKWE KUVIMBA WEENKCUKACHA
(Icandelo 7(1)(a) loMthetho weNtshona Koloni woKhuseleko loLuntu, 2013, nomgaqo 8(1))

ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

Idilesi yeSebe *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Inombolo yeSalathiso *(Kufuneka izaliswe ligosa)*	
Zalisa le fomu ngokusebenzisa oonobumba ABAKHULU nangokutikisha iibhokisi ezichanekileyo.	

1. IINKCUKACHA ZOMFAKI-SICELO

1.1 Igama lomfaki-sicelo *(isolomzi lengingqi)*: _____

1.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.3 Ummandla wedolophu: _____

1.4 Idilesi yeposi *(ukuba yahlukile kwidilesi yesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

1.5 Ifowuni: _____

1.6 Ifeksi: _____

1.7 Iselula: _____

1.8 I-imeyili: _____

2. IINKCUKACHA ZABALAWULI BOMFAKI-SICELO *(ukuba kuyimfuneko, ungaqhoboshela amaphepha aneenkcukacha)*

Igama nefani yomntu	**Isikhundla embuthweni**	**Inombolo yefowuni/yeselula**	**Idilesi ye-imeyili**

3. INKCAZELO NGOMMANDLA

3.1 Amazwe: _____

_____

3.2 Amaphondo *(ukuba usebenza kuloo ndawo ithile kwilizwe lithile kuphela)*: _____

_____

_____

3.3 Iidolophu *(ukuba usebenza kuloo ndawo ithile kwiphondo elithile kuphela)*:

_____

_____

3.4 Ummandla wedolophu *(ukuba usebenza endaweni ethile edolophini ethile kuphela)*:

_____

_____

3.5 Amagama ezitalato ezikumda wengingqi *(ukuba usebenza kummandla wedolophu kuphela)*: _____

_____

_____

3.6 Ezinye iinkcazelo *(ukuba zikhona)*: _____

_____

_____

4. IINKCUKACHA ZESITISHI SAMAPOLISA SOMMANDLA

4.1 Igama: _____

4.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

4.3 Ummandla wedolophu: _____

4.4 Idilesi yeposi (*ukuba yahlukile kweyesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

4.5 Ifowuni: _____

4.6 Ifeksi: _____

4.7 Iselula: _____

4.8 I-imeyili: _____

5. IINKCUKACHA ZEFORAM YOBUPOLISA YOMMANDLA

5.1 Igama: _____

5.2 Idilesi yesitalato: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

5.3 Ummandla wedolophu: _____

5.4 Idilesi yeposi (*ukuba yahlukile kweyesitalato)*: _____

_____ Ikhowudi yeposi: _____

5.5 Ifowuni: _____

5.6 Ifeksi: _____

5.7 Iselula: _____

5.8 I-imeyili: _____

6. UKUBANDAKANYEKA KOMFAKI-SICELO KWIMIBA EYAHLUKILEYO NEZINYE IINGQWALASELA

6.1 Ingaba umfaki-sicelo uyawukhuthaza umsebenzi wobupolisa osesikweni?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

6.2 Ingaba umfaki-sicelo uyabandakanyeka ekuxhaseni amaxhoba olwaphulo-mthetho?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

6.3 Ingaba umfaki-sicelo uyabandakanyeka ekunqandeni ulwaphulo-mthetho?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani: _____

_____

_____

6.4 Ingaba umfaki-sicelo uyabandakanyeka kukhuseleko loluntu ekuhlaleni?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubandakanyeka njani:

_____

_____

6.5 Ingaba umfaki-sicelo uyazichaza iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zoluntu koogunyaziwe abafanelekileyo?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza imeko leyo uchaze nokuba yayixelwe kubani:

_____

_____

_____

6.6 Ingaba umfaki-sicelo wakhe ubuhlakani neminye imibutho ebandakanyekayo kule miba ichazwe kumhlathi 6.1 ukuya ku-6.5?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthi ewe, chaza ukuba ubakhe njani: _____

_____

_____

7. INKCUKACHA ZEMISEBENZI EYENZIWAYO

7.1 Ingaba umfaki-sicelo uyasebenzisana neforam yobupolisa yasekuhlaleni engingqini kwimisebenzi ayenzayo?

Ewe	
Hayi	

Ukuba uthe ewe, chaza imisebenzi kunye nentsebenziswano neforam yobupolisa yasekuhlaleni esengingqini _____

_____

_____

Ukuba uthe hayi, nika izizathu zokuba umfaki-sicelo angafuni kusebenzisana neforam yobupolisa yasekuhlaleni: _____

_____

_____

7.2 Ukukwazi ukunika iinkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko neziganeko zolwaphulo-mthetho:

Ingaba umfaki-sicelo uyazibhala phantsi iinkcukacha zeenkxalabo zokhuseleko nezinye iziganeko zolwaphulo-mthetho?

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

Ukuba uthe ewe, chaza indlela iinkcukacha ezirekhodwa ngayo kwanokuba zigcinwa njani ukuba zisoloko zinolwazi lwezinto ezisandula ukwenzeka:

_____

_____

_____

8. EZINYE IINKCUKACHA

8.1 Ingaba umfaki-sicelo ubhalisiwe ngokweminye imithetho?

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

Ukuba uthe ewe, qhoboshela iinkcukacha nesiqinisekiso sobhaliso:

_____

_____

_____

9. AMAXWEBHU AQHOTYOSHELWEYO NAXHASA IINKCUKACHA

(tikisha iibhokisi kumba ngamnye ze uqhoboshele iikopi ezisetifaywe ngumkhomishinala wezifungo ofumaneka emapoliseni okanye eposini)

9.1 Ikopi yesatifikethi soqinisekiso esikhutshelwe umfaki-sicelo ngokwecandelo 6(6)*(a)*(ii) loMthetho

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.2 Ikopi yesiqinisekiso sobhaliso ngokweminye imithetho

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.3 Ingxelo eyenziwa lilungu labaphathi eligunyazisiweyo yokuba umfaki-sicelo akaphakamisi okanye akakhuthazi misebenzi yalo naliphi iqela lezopolitiko

Ewe	

9.4 Ikopi yembalelwano neforam yobupolisa yasekuhlaleni eqinisekisa intsebenziswano neforam yobupolisa yasekuhlaleni

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.5 Ikopi yocaphulo lweenkcukacha zokhuseleko loluntu kunye neziganeko zolwaphulo-mthetho ezigcinwe ngumfaki-sicelo

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.6 Ikopi yembalelwano neforam yobupolisa yasekuhlaleni okanye omnye umbutho eqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kumsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni okanye kwabanye oogunyaziwe

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.7 Ikopi yembalelwano namapolisa malunga nomsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.8 Ikopi yemizuzu yeentlanganiso zomfaki-sicelo eqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kumsebenzi wokubeka iliso, ukuxhasa amaxhoba olwaphulo-mthetho, ukunqanda ulwaphulo-mthetho, ukhuseleko loluntu okanye ukuxela iindawo zoluntu ezingakhuselekanga okanye ezinye iinkxalabo zokhuseleko emapoliseni okanye kwabanye oogunyaziwe

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.9 Ikopi yoxwebhu loseko, imemorandam yesivumelwano okanye naluphi uxwebhu oluqinisekisa ubandakanyeko lomfaki-sicelo kwimiba ekubhekiswe kuyo kumhlathi 9.8

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.10 Imephu yommandla

Ewe	
Hayi	
Ayikho	

9.11 Okunye *(chaza)*:

Ewe	
Hayi	
Akukho	

_____

_____

_____

Mna, mntu usayinileyo *(bhala igama nefani yakho)*, _____, ogunyaziswe yi- *(chaza imizuzu/isindululo esikugunyazisileyo)* _____, ndiqinisekisa ukuba iinkcukacha ezikule fomu yokufaka isicelo zinyanisekile yaye zichanekile.

